higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE (First Paper)
LEVEL 2

(4101222)

15 NOVEMBER 2018 (X-Paper)
09:00–11:00

Olu viwo lunamaphepha ali-9.

NCV

Copyright reserved

IXESHA: 2 IIYURE
AMANQAKU: 140

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMAHLANU.

ICANDELO A:	(30)
ICANDELO B	(20)
ICANDELO C:	(30)
ICANDELO D	(40)
ICANDELO E	(30)

2. Phendula yonke imibuzo.

3. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

5. Qwalasela ixesha ekuphenduleni imibuzo.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Copyright reserved

ICANDELO A ISICATSHULWA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Kwakusehlotyeni iimvula zehlobo zidyudyuza kanobom. Ngale mini izulu lalimathumb'antaka libonakala ukuba lingxamile. Imibane yayitshawuza idanyaza kwaye iindudumo zigqekreza. Izinja zazincathame ngezindlu.

Imithi yayisiwa ngumoya owawuvuthuza kunene unesaqwithi, ithe apho igaleleke khona imvula, yatsho kwamdaka iisali. Yatsho ngezantyalantyala zamanzi, amanzi ayeqengqeleka ezindleleni, kuludaka nje. USipho wayezisonge okwenyoka, uvalo luphuma ngeempumlo luloyiko lwemibane kuba wayesazi ukuba imibane inobungozi kakhulu kwaye ingadala umonakalo omninzi kwaye kungafiwa nokufiwa.

Wafundiswa esikolweni ngengozi yombane nento yokuba angaze ahlale phantsi komthi xa kubaneka kwaye angaze abe sebaleni njengoko kulula ukuba izulu lidlale kwiindawo ezinjalo. Wachazelwa ukuba kungcono abe sehlathini kwindawo enimithi emininzi eshinyeneyo kunokuma phantsi komthi omnye ozimeleyo. Uthe kwakutshawuza imibane, wakhumbula iinkomo zakowabo ezisedlelweni. Wahamba waya kuzihlanganisa. Wothuswa kukubona inkomo idunduluzile. Wasondela kuyo waze wafumanisa ukuba ibethwe ngumbane.

Kwakusekho ivumba lomlilo nemithi iwile kwaye kubonakala ukuba akukudalanga yenzekile le nto kuba imithi yayisaqhuma. Waba nesingqukru esikhulu akuqonda ukuba uDyamluthi inkabi kayise ifile. Weva ubuhlungu akubona iminga ilele ngecala kwaye iphelile, sele kusele izikhondo eziqhumayo. Wacingela iintaka nezinye izilwanyana ezinekhaya lazo eliyimithi.

Ethubeni imvula yanika isiqabu, kwavela ilanga latsho layibetha yabengezela ingca. Amanzi ayesenza ingxolo egquma kuloo mlambo kaGqoloma. Imilambo yayiphuphuma kunzima ukuba umntu angawela kuloo ntlambo. Zazintyiloza kamnandi iintaka apho, indalo isitsho ngesandi esimnandi ngokunga ibulela umdali. Wavuya uSipho akufumanisa ukuba awukho umonakalo kwenye imfuyo yakowabo.

Wabona kukho into eshukumayo ngakumqulwana owayeme ngakuwo, kwamothusa oku. Wathi akusondela wafumanisa ukuba litshontsho lehobe elonzakeleyo. Walithatha waliphatha ngobunono. Wacinga ukuba, ukuba angalishiya kuloo ndawo alifumene kulo, lingafa yingqele nokuqaqanjelwa. Wagqiba ekubeni alithathe eli ntshontsho agoduke nalo.

Walenzela indlwane ngekhalibhodi efakwe uboya benkuku nesiqwengana serhonya walibeka ecaleni komlilo. Ukuze lifumane ubushushu. Lithe lakuba lisombulukile walipha ipapa kunye namanzi emana elifunzela. Yathi iphela iveki wabe umlenze walo sowumilile. Lamana lihamba kwaye lizama nokubhabha. Ngayo yonke loo mizamo yakhe lomelela ngokwaneleyo kodwa zange libhabhe limke limshiye.

[Sicatshulwe kwincwadi 'Isisombululo sethu' ebhalwe nguJ.N. Mdekazi, sahlelwa.]

Copyright reserved

1.1 Esi siganeko kuthethwa ngaso apha sehla ngexesha lanini? (1)

1.2 Xela izinto zibe mbini ezazibonisa ukuba kuza kwehla oku. (2)

1.3 Yintoni ebonisa ukuba imvula yayinkulu? (2)

1.4 Nika izinto zibe mbini ezibonisa ukuba uSipho wayesoyika. (2)

1.5 Nika izinto zibe mbini ezaba lulutho kwimfundiso uSipho awayifundiswa esikolweni. (2)

1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli: (1)

Imithi yayisiwa ngumoya (owawuqumbile/owawumkhulu).

1.7 Yabulawa yintoni inkomo? (1)

1.8 Zintoni ezenza ukuba uSipho abe buhlungu? (2)

1.9 Kutheni le nto kungcono ukuba sehlathini kunokuba ube sebaleni xa kubetha umbane? (3)

1.10 Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela iimpendulo ezichanekileyo:

Imithi likhaya … nezinye … . (2)

1.11 Ukuvela kwelanga emveni kwezantyalantyala zeemvula kusifundisa ntoni ngobomi bethu? (3)

1.12 Isigqibo sikaSipho sokulithatha intshontsho lehobe sibonisa ntoni ngaye? (3)

1.13 Ucinga ukuba kubalulekile ukulondoloza indalo? Chaza. (3)

1.14 Kutheni le nto lingazange limshiye uSipho intshontsho lehobe emveni kokuba seliphilile? (2)

1.5 Nika esi sicatshulwa isihloko esifanelekileyo. (1)

[30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Copyright reserved

ICANDELO B

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele

1. Chonga iingongoma eziphambili ubude bungadluli kuma-70 amagama.

2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.

3. Upelo. Iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.

Ngenye imini uSibulele wayengafuni ukuya esikolweni. Kwakukho into eyayingahambanga kakuhle ekhaya phambi kokuba aye esikolweni. USibulele wafuna ukuthatha usiba uluhle awalifumanayo ayokubonisa utitshala UDuma esikolweni. Lwaluphantsi kwebhedi yakhe. Kodwa akazange alubone kuyo yonke indawo. Lwalungekho nakwibhokisi yakhe enezinto ezibalulekileyo naphantsi kwebhedi.

'Sibulele yiza apha', wambiza umama wakhe. 'Lixesha lokuba uye esikolweni.' USibulele wayengafuni ukuya esikolweni. Wayekhathazekile. Umama wakhe zange acinge ukuba usiba olulahlekileyo sisizathu esilungileyo esibangela ukuba uSibulele angafuni ukuya esikolweni. Kodwa uSibulele waya esikolweni. Yayiyimini yokupeyinta. USibulele wayekuthanda ukupeyinta. Wayepeyinta umfanekiso wendlu yakhe. UNandipha wahlala ecaleni kwakhe. Wayesabelana naye ngepeyinti yakhe. UNandipha wayepeyinta intyantyambo

UNandipha wagila ijagi yamanzi, yawa. Amanzi aphalalela kuyo yonke ipeyinti kaSibulele. Yayiyimpazamo waze uNandipha wacela uxolo. Kodwa uSibulele wakhathazeka kwaye waqumba. Ngexesha lekhefu uSibulele wazichubela i-orenji yakhe. Waya kukhwela emthini. Unyawo lwakhe lwaxinga. Laphuncuka i-orenji yakhe kwiminwe yakhe encangathi lawela esantini. Wakhathazeka kakhulu waze waqumba. Waqalisa ukulila. Utitshala weza kuye wamgona.

[Sicatshulwe kwincwadi 'Isisombululo sethu' ngokubhalwe nguJ.N. Mdekazi, sahlelwa.] **[10]**

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C

UMBUZO 3

Qwalasela lo mfanekiso ulandelayo uze uphendule imibuzo.

LUMKA!!! KUYINGOZI UKUQHUBA UNGAPHANTSI KWEMPEMBELELO ZOTYWALA

.



2.



1. Ufuna ukwenzakalisa umntu?
2. Ufuna ukubulala umntu?
3. Ufuna ukwenzakalisa isithuthi sakho okanye ezabanye?
4. Ufuna ukutshabalalisa isithuthi sakho okanye ezabanye?
5. Ufuna ukuxoxa kwiinkundla zamatyala?
6. Ufuna ukuvalelwa entolongweni?

QHUBA USELE UYAKULICULA ELANDINCAMISAYO !

Ukuba ukhe wadllula emphandeni sikhona.
Musa ukuzixhamla ngokuqhuba.
Fownela kule nombolo **08001155123**.
Abaqhubi bethu abangoomakhwekhwe tha
bakhona.
Uza kufika uphila ekhaya.

[Ithatyathwe kwi-intanethi yahlelwa]

3.1 Ikuchazela ntoni le mifanekiso mibini xa uyiqwalasela? (3)

3.2 Ikhangeleka ikwimeko enjani le ndoda kulo mfanekiso ungezantsi? (3)

3.3 Zingaphi igilasi kumfanekiso wokuqala? (1)

3.4 Xa uqwalasela inani leegilasi kumfanekiso wokuqala nomfanekiso wesibini ungabuchaza njani ubudlelwane neemeko abazifumana kuzo. (4)

3.5 Ucinga ukuba kwenzeke ntoni ngemoto? (2)

3.6 Kutheni le nto omnye umhalo ubhalwe ngqindilili? (2)

3.7 ... ' qhuba usele uyakulicula elandincamisayo'... Oku kuthetha? (3)

3.8 Chaza izinto zibe ne ezinokwehlela xa uqhuba usele. (4)

3.9 Kutheni le nto kukho imibuzo emininzi kwesi sibhengezo? (2)

3.10 Ithini inombolo onokuyifownela? (1)

3.11 Zeziphi izinto ezithenjiswa kwesi sibhengezo? (4)

3.12 Bhala isithethantonye seli binza:

Utywala. (1)
[30]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

ICANDELO D: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 4

4.1 Bhala esi sivakalisi sibe kwintetho ngqo:

USizwe uthe ayiloxanduva lwakhe ukuphekela abantwana. (7)

4.2 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi ngokufakela iimpawu zolwimi:

mus ukufane uxhalabe wena mama utsho ephakama uphumza (8)

4.3 Bhala izivakalisi ezimbini ezahlukileyo usebenzisa eli binzana lingezantsi ukuphuhlisa intsingiselo ezahlukeneyo:

Ithanga. (4)

Copyright reserved

4.4 Guqula ezi zivakalisi sibe kwixesha eladlulayo:

4.4.1 Uhambile waya edolophini.

4.4.2 Ndinayo imali yokuthenga.

(2 × 2) (4)

4.5 Bhala izithetha-ntonye zala mabinzana:

4.5.1 Ukulila.

4.5.2 Ityalike.

(2 × 2) (4)

4.6 Bhala izinciphiso zala mabinzana angezantsi:

4.6.1 Umntu.

4.6.2 Indlela.

(2 × 2) (4)

4.7 Bhala izichasi zala mabinzana angezantsi:

4.7.1 Vula.

4.7.2 Nika.

(2 × 2) (4)

4.8 Bhala izimelabizo endaweni yebinza eli krwelelwe umgca ngaphantsi.

4.8.1 <u>Abantwana</u> bayasithanda isikolo.

4.8.2 <u>UNomsa</u> uyakhalaza.

(2 × 2) (4)

4.9 Bhala isininzi seli binzana 'indoda'. (1)

[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 40

ICANDELO E: UKUSETYENZISWA KONXIBELELWANO

UMBUZO 5

Matanisa intetho ekuKHOLAM B, ingqamelane nentetho ekuKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
5.1	Molo Lizo! Ukhangeleka wonwabile. Khawutsho?	A	Nawe ngokunjalo
5.2	Ndingaqashisela. Ufumene iziphumo zakho zeemviwo?	B	Selikufutshane elo xesha.
5.3	Kwakuhle oko. Kweliphi iphepha?	C	Elwandle mfondini? Yinto yanini leyo?
5.4	Halala! Ndiyavuyisana nawe	D	Hayi, nini? ERhawutini?
5.5	Ubuvile ndizakuya kuculela iPhondo kumnyhadala wesizwe	E	Ufanele.
5.6	Uzakubanjelwa eKapa kweli lixa	F	Enkosi, Tshepo.
5.7	Kule veki izayo ngoLwesihlanu	G	IsiXhosa, iGeography neMathematics
5.8	Ndiziva ndinemincili	H	Molo Tshepo, ndiziva ndisemafini
5.9	Ndisaleqa edolophini	I	Ewe, kunjalo. Ndipase emagqabini
5.10	Ube nemini emnandi	J	JKulungile Tshepo

(10 × 2) **[20]**

UMBUZO 6

Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo ngokukhetha impendulo echanekilyo kwizibiyeli**.**

61 Sipho: Hello, ufownele kwiSebe Lezemfundo (ndingakunceda ngantoni/ufuna ntoni)?

6.2 Xola: Molo Mhlekazi, (ndifuna/ndicela ukuthetha) noMnumzana. uMpisi.

6.3 Sipho: (Hay' suka/uxolo) usaphumile. Ungashiya umyalezo.

6.4 Xola: (Mxelele/ndicela umxelele) uXola Solani waseLuvuyo Primary School ebefownile.

6.5 Sipho: Kulungile, ndiza kumxelela (Sipho/Mhlekazi).

(5 × 2) **[10]**

AMANQAKU ECANDELO E: 30
AMANQAKU EWONKE: 140

Copyright reserved